SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-40 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-30 |

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Loo nyaka awusoze ulibaleke kum! **[50]**

1.2 Ukubaluleka kokufunda ezinye iilwimi **[50]**

1.3 Ndandisithi ndiyamazi kanti … **[50]**

1.4 Isekho imfuneko yokunxitywa kweyunifom ezikolweni! **[50]**

1.5 Indalo iluncedo ebantwini kanti ikwayingozi **[50]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6, 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6



[Uthatyathwe ku-www.timeslive.com] **[50]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

## UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta ukhalazele ukungaphumeleli kwakhe kwitheko lomhla wokuzalwa kwakho. **[30]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kumanejala werestyu uncome impatho entle oyifumene kubasebenzi bakhe ngethuba ubuye kutya kuyo. **[30]**

2.3 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini malunga nokulahleka kwabantwana kwiindawo zikawonke-wonke ngexesha leeholide zikaDisemba. **[30]**

2.4 **INTETHO ENGEKHO SESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza kumalungu ekwayala ongumphathi wayo, uwanika amazwi enkuthazo njengoko nilungiselela ukhuphiswano lweekwayala oluzayo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IPOWUSTA**

Ukwiqumrhu elikhuthaza imidlalo nezolonwabo kwindawo ohlala kuyo. Bhala ipowusta eyazisa ulutsha ngomdlali wamacwecwe (ngoDJ) oza kuzo-konwabisa ulutsha kwiholo yoluntu yendawo ohlala kuyo. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezintlanu ngamalungiselelo aphambi komdaniso webanga leMatriki. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Umzala wakho uza kuya kukhenketho lokuqeqeshelwa ubunkokeli lwabafundi, olucetywe sisikolo sakhe.

Bhala imiyalelo ngezinto amakazenze ukulungiselela olu khenketho. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African